



Western Cape  
Government

Agriculture

---

**UMGAQO-NKQUBO      WEELWIMI      WEZIKO**  
**LOQEQESHO NGEZOLIMO I-ELSENBURG**



**ISIQULATHO**

<b>1. Intshayelelo</b>	<b>4</b>
<b>2. Injongo</b>	<b>4</b>
<b>3. Ulungiselelo</b>	<b>4</b>
<b>4. Imigaqo-nkqubo nowiso-mihetho enokusetyenziswa</b>	<b>4</b>
<b>5. Imigqaliselelo</b>	<b>4</b>
<b>6. Izibonelelo</b>	<b>6</b>
<b>7. Ukubeka esweni noVavanyo</b>	<b>6</b>
<b>8. Ukusonjululwa kweembambano</b>	<b>7</b>
<b>9. Uphambuko</b>	<b>7</b>
<b>10. Uphononongo ngokutsha</b>	<b>7</b>

## 1. INTSHAYELELO

IZiko loQeqesho ngezolimo i-Elsenburg leSebe lezoLimo leNtshona Koloni ("iSebe") liququzelela ze libonelele ngezifundo zolimo ezilungiselelwe abafundi kwicandelo lezolimo. Khon'ukuze kumiselwe icandelo elinolwazi, eliphumelelayo nelinokukhuphisana, iZiko lezoQeqesho kwezolimo i-Elsenburg lizimisele ukufundisa nokuqeqesha bonke abafundi kwinkalo yezolimo.

IZiko loQeqesho ngezolimo i-Elsenburg ("iZiko") liziko elisebenzisa iilwimi ezininzi elikhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezintathu ezisemthethweni zeNtshona Koloni, isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa. Ukwenjenje kwalo kukuthobela ilungelo elikumgaqo-siseko labafundi, abahloli kunye noluntu lokusebenzisa ulwimi abalukhethileyo kwimida yoMthetho iWestern Cape Provincial Languages Act (uMthetho 13 ka-1998) kunye noMgaqo-nkqubo weelwimi woRhulumente weNtshona Koloni (2005).

## 2. INJONGO

Lo Mgaqo-nkqubo weelwimi umele imigqaliselo ebekwe kuMgaqo-nkqubo weelwimi woRhulumente weNtshona Koloni (2005) nokulungelelaniswa kwaloo migqaliselo neemeko zeZiko. Ujolise ekukhuthazeni intlaliso-ntle yabantu abahluka-hlukeneyo nokuphathana ngokulinganayo ngokwamkela ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngokuxhasa ukusetyenziswa kweelwimi ezintathu ezisemthethweni zeNtshona Koloni, isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa.

Umfundi ngamnye kufuneka akwazi ukunxibelelana nabanye ngolwimi aluthandayo oko kusenziwa kambe ngokuthathela ingqalelo ukuba inokwenzeka na loo nto okanye ilungiselelwe (umzekelo, isakhono solwimi somhlohi okanye ubukho beenkonzo zokutolika/zokuguqulela). Oku kubalulekile ngakumbi ekumelaneni nemiba ethile entsokothileyo yezifundo.

## 3. ULUNGISELELO

Lo Mgaqo-nkqubo ulungiselelwe bonke abafundi abenza imfundo enomsila kweli Ziko kunye nabo bonke abasebenzi.

#### 4. **IMITHETHO NEMIGAQO-NKQUBO ESEBENZAYO**

- UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika (uMthetho 108 ka-1996)
- UMgaqo-siseko weNtshona Koloni (uMthetho 1 ka-1998)
- UMthetho iWestern Cape Provincial Languages Act (uMthetho 13 ka-1998)
- UMgaqo-nkqubo weLwimi ka-2005 owamkelwa nguRhulumente weNtshona Koloni njengoMgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni.

#### 5. **IMIGQALISELO**

##### 5.1 **Ukulungiselelana, ukusebenza nonyamezelwano**

Lo Mgaqo-nkqubo ugxininise kunyamezelwano nokulungiselelana kwimiba enxulumene nolwimi. Ugxininiso lusekuboneni ukuba kuyenzeka na oko kunqwenelekayo. Naphi na apho kuyimfuneko, kuya kuvumeleka ukuxutywa kweelwimi, ukusetyenziswa kwazo ngaxeshanye okanye ukutshintsha-tshintshwa kwazo (umzekelo abafundi bangabuza imibuzo ngolwimi abalukhethileyo). Bonke abasebenzi baza kwaziswa ngale nkqubo, kuthathelwe ingqalelo nokubaluleka kokuba abahlohli benoxanduva lokuzilawula iiklasi abazifundisayo phantsi kwale meko.

##### 5.2 **Ulwimi lokufundisa, ukufunda novavanyo**

**IZiko liza kulandela iindlela eziquka ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi apho kugxininiswa ekubeni unxibelelwano olufezekileyo luhambe phambili kunolwimi olukhethiweyo ngongenelelo lweenkqubo ezinjengokubonelela ngeenkonzoko zokutolika nezokuguqulela, apho iimeko zivumayo khona, ngenjongo yokuphucula nokwenza ukuba indlela yokufundisa nokufunda ibe yekwizinga eliphezulu.**

Oku kuza kusebenza:

- Kulwimi olusetyenziswa kumagumbi okufunda, kwizifundo nakwiiprakhthikali;
- Kulwimi olusetyenziswa ekusetheni nasekubhaleni imisebenzi, ii-asayimenti, iimvavanyo neemviwo (umzekelo, zonke ii-asayimenti, iimvavanyo kunye neemviwo ziza kufumaneka ngesiBhulu nangesiNgesi, ze apho kunokwenzeka zifumaneke nangesiXhosa).

**Ukukhuthazwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi nokufikelela kwimfundo ephakamileyo nakwiingxoxo zobungcali:**

- Abafundi baza kuncediswa ukuba baphuhlise ubuchule babo bemfundo ephakamileyo bokufunda nokubhala ngesiBhulu, ngesiNgesi nangesiXhosa kangangoko kunako ukwenzeka oko. Iziko liza kuphuhlisa isigama ze liqinisekise nokuba ziyafumaneka iincwadi zesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa ngokuziguqulela kwiilwimi zifunekayo.
- Abafundi nabasebenzi baza kukhuthazwa ukuba bathathe izifundo zeelwimi ukuze baphucule izakhono zabo kwisiBhulu, isiNgesi nesiXhosa.

**5.3 Indlela abaza kufunda ngayo abafundi**

Iincwadi zokufunda ziza kuba ngesiBhulu nangesiNgesi. Abafundi bangayibuza ngolwimi lwabo abaluthandayo imibuzo ze kutolikwe ukuba ikho indlela ukwenzela ukuba bonke abafundi bathathe inxaxheba ezingxoxweni.

Nazi ngezantsi ezinye iindlela eziza kusetyenziswa ukungqinisisa nokuqinisekisa ukuba sizinikele ekuboneleleni imfundo equka wonke umntu nesemgangathweni:

- Iiklasi zokuncedisa abafundi;
- Iitoliki eziklasini, xa zifuneka;
- Izixhobo zokutolika;
- Inkonzo yeelwimi ukuguqulela iincwadi zokufunda.

**5.4 Ukuvavanywa kwabafundi**

Ngokuhambelana nendlela yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi, abafundi baza kuvunyelwa ukuba baphendule uvavanyo nee-asayimenti bazibhale okanye bazenze ngesiNgesi, ngesiBhulu okanye ngesiXhosa.

## 6. AMALUNGISELELO

### 6.1 Amalungiselelo eZiko afunekayo

- linkcazelo zezifundo kunye neengxoxo zamaqela (kuncediswana nabafundi) zingaqhuba nangaluphi na ulwimi olufanelekileyo ngaphandle kwamaxesha ekuhlolwa ngawo amiselweyo, ngaloo ndlela kubethelelwa ulwazi obelunikwe eziklasini;
- Kufuneka kusungulwe iityhuthoriyali ukuze zancedisane nabafundi.

### 6.2 Iinjongo namalungiselelo olwimi lolawulo nonxibelelwano lwangaphakathi:

Iilwimi eziphambili zonxibelelwano lwangaphakathi ngezemfundo ephakamileyo nangezolawulo iza kuba sisiBhulu nesiNgesi. Iziko liza kuqhuba nokwenza ukuba zonke iinkcukacha zifumaneke nangesiXhosa.

Xa kuqhutywa iingxoxo iinjongo sukuba izezokuba mawuviwe ngumntu wonke okhoyo kuyo loo ngxoxo. Ngoko ke, ukuba isithethi sikhetha ukusebenzisa ulwimi esilukhethileyo, ekunokwenzeka ukuba lungaziwa ngumntu wonke, kufuneka kusetyenziswe iinkonzo zokutolika xa kudingeka oko yaye imeko ivuma.

Iziko liza kuba nabantu abaza kukwazi ukujongana nemibuzo ngesiBhulu, ngesiNgesi nangesiXhosa, ngakumbi xa kuhleli iiseshini zeengcebiso, xa kubhaliswa nangexesha leemviwo.

Kufuneka kwenziwe amalungiselelo okutolika uLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika, apho kunokwenzeka khona, ukuba kunikwe isaziso kwangexesha (ubuncikane iintsuku ezintlanu phambi kosuku).

Iziko liza kuhlala likukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ezahlukeneyo nokuhloniphana.

#### **Unxibelelwano lwangaphandle:**

Kufuneka unxibelelwano lwangaphandle lube ngolwimi olukhethwe yiklayenti.

#### **Izalathiso:**

Kufuneka izalathiso zibe ngesiBhulu, ngesiNgesi nangesiXhosa.

**Unxibelelwano nabamazwe angaphandle:**

Unxibelelwano nabamazwe angaphandle luza kuba ngesiNgesi.

**7. UKUBEKA ESWENI NOVAVANYO**

Uvavanyo nokubekwa esweni kokusetyenziswa koMgaqo-nkqubo weelwimi kuza kwenziwa ngaBaphathi beZiko.

**8. UKUSONJULULWA KWEEMBAMBANO**

Nayiphi na imbambano enxulumene noMgaqo-nkqubo weelwimi, ukusetyenziswa nokuphunyezwa kwawo iza kulawulwa ngokuhambelana neendlela zeSebe okanye zeZiko zokusombulula iimbambano nezikhalazo.

**9. UPHAMBUKO**

Iziganeko zokuphambuka kuMgaqo-nkqubo weelwimi ziya kusiwa ngaphambili kwiziphatha-mandla ezifanelekileyo ezigunyazisiweyo ukuze ziphononongwe.

**10. UPHONONONGO NGOKUTSHA**

Umgaqo-nkqubo weelwimi uza kuphononongwa ngokutsha qho emva kweminyaka emithathu okanye nanini na kuyimfuneko.